Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

**VAKALISA ULUVO LWAKHO**
**AMANGENELO NOMANYELO-ZIMVO ZOLUNTU NGOMGAQO-SISEKO WOMTHETHO OSAYILWAYO WOLUNGISO WOKUQALA WENTSHONA KOLONI [B 1–2021]**

IKomiti eSisigxina kwiNkulumbuso kunye neMiba yoMgaqo-siseko yePalamente lePhondo leNtshona Koloni imema ababandakanyekayo, abantu nemibutho enomdla ukwenza amangenelo kuMthetho oSayilwayo woLungiso wokuQala woMgaqo-siseko weNtshona Koloni [B 1–2021].

Injongo yokulungisa uMgaqo-siseko weNtshona Koloni, 1997, ukuze ungqanyaniswe noMgaqo-siseko weRiphabhliki yoMzantsi Afrika, 1996, malunga nelahleko yobulungu bePalamente yePhondo, ukubizwa nokuhlelwa kwemihla yolonyulo lwePalamente yePhondo, inkcaza yoMthetho oSayilwayo wezimali, ungenelelo lwephondo kurhulumente wommandla, unyanzeliso lweentlawulo ezongezelelweyo yiPalamente yePhondo nophakanyiso lweemali-mboleko ngurhulumente weNtshona Koloni; ukubhangisa izibonelelo malunga noMkhomishinala wezokusiNgqongileyo; ukungenisa okunye endaweni yokubhekisa kuMongameli weNkundla yoMgaqo-siseko; ukuqalisa iinguqu zomxholo ezithile; kwanokubonelela ngemiba enxulumene noko.

Ababandakanyekayo abantu nemibutho enomdla abanqwenela ukufaka amangenelo abo bangenza ngokuthi bathumele amanqaku eliziwi kuWhatsApp (inombolo kanomyayi: 082 372 7463). Amangenelo omlomo aquke iinkcukacha zakho eziphelelyo (igama nefani, idilesi ye-imeyile kunye nenombolo yoqhagamshelwano)
Izicelo zokuvela phambi kweKomiti eSisigxina ukuze wenze amangenelo omlomo mazifike kwiGosa leNkqubo phambi komhla womanyelo zimvo zoluntu. Izimvo ezibhaliweyo mazifike kwiGosa leNkqubo engadlulanga uMvulo wama 31 Meyi 2021.

**Olu manyelo-zimvo zoluntu luyakubanjwa ngolu hlobo:**

| UMHLA | IXESHA | INDAWO | IFOMATHI |
|---|---|---|---|
| Lwesibini 11 Meyi 2021 | 15:00–17:00 | IHolo yeDolophu<br>e101 Marsh Street<br>eMossel Bay | Ngobuqu: Jonga indawo |
| Lwesithathu 12 Meyi 2021 | 15:00–17:00 | ISikolo saMabanga aPhakamileyo saseGeorge<br>e2 Plaatjies Street<br>eLevallia<br>eGeorge | IHYBRID<br>Qhagamshelana ngokubonakalayo: Cela ikhonkco<br>Ngobuqu: Jonga indawo |
| Lwesibini 18 Meyi 2021 | 15:30–18:00 | IHolo iDial Rock<br>eAlbatros Street<br>eSaldanha Bay | IHYBRID<br>Qhagamshelana ngokubonakalayo: Cela ikhonkco<br>Ngobuqu: Jonga indawo |
| Lwesithathu 26 Meyi 2021 | 15:30–18:00 | iTsheyimba (uMgangatho weSithandathu) iPalamente yePhonde | IHYBRID<br>Qhagamshelana ngokubonakalayo: Cela ikhonkco<br>Ngobuqu: Jonga indawo |

| | | | |
|---|---|---|---|
| | | leNtshona Koloni<br>iSakhiwo seNdlu yoWiso-mthetho yePhondo<br>7 Wale Sitalato<br>eKapa | |

Imibuzo okanye ukucela **ikopi zoMthetho oSayilwayo woLungso qhagamshelana noNksz Waseemah Kamish-Achmat , iGosa leNkqubo , kule nombolo yomnxeba 083 462 4803 okanye kwi-imeyile wachmat@wcpp.gov.za.**

**Sikhutshwe nguMnu R Mackenzie (MPP), uSihlalo weKomiti eSisigxina kwiNkulumbuso neMiba yoMgaqo-siseko, iPalamente yePhondo leNtshona Koloni.**